XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 57 2019/10/23 10:50:52

Yiza kwitheko lam



Masenze

Gqibezela esi simemo setheko lakho.



Yiza kwitheko lam!

Ndigqiba iminyaka e _____.

Itheko lam lingomhla we _____.

Liqala ngentsimbi ye _____ ze liphele ngentsimbi ye _____.



Idilesi yam yile:

Inombolo yendlu _____

_____ Isitalato

Indawo _____

Nceda uxele ukuba uyeza.

Inombolo yefowuni ithi _____

Sivela ku _____



Masibhale

Bhala kwakhona ezi zivakalisi. Qala ngolu hlobo "Izolo".



Namhlanje lusuku lwam lokuzalwa.
Izolo
Namhlanje kuyana.
Izolo
Namhlanje kukho ilanga.
Izolo

XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 58 2019/10/23 10:50:56

Umhla:

Masibhale

Kwisivakalisi ngasinye krwela umgca phantsi kwegama lomntu, ze ubiyele ngesangqa igama lesenzo elisixelela ukuba lo mntu wenza ntoni na.





UJabu uyabaleka uya esikolweni.	UPam ubambe ubherana.
UThemba ukhaba ibhola.	UBongi uthenga ikati.
UAnn ufunda incwadi.	USam udlala ibhola ekhatywayo.
ULebo uncokola efowunini.	UMandu utya iitshiphusi.





Masonwabe

Badala kangakanani? Bhala amagama abo kunye nobudala babo kwitheyibhile.





Igama	Iminyaka

Igama	Iminyaka

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 59 2019/10/23 10:50:59

Amantshontsho enkukhu amahlanu



Masifunde

Isikhukukazi namantshontsho aso

Latsho intshontsho lokuqala elijubalazayo.



Latsho intshontsho elilandelayo, elinyikinya amagxa.



Latsho intshontsho lesithathu, elitswinayo.



Latsho intshontsho lesine, lilusizana.



XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 60 2019/10/23 10:51:02

Umhla:

Latsho intshontsho lesihlanu, likhalaza kancinci.



"Mamelani apha," satsho isikhukukazi sikwigadi eluhlaza.



Amagama ajongisiswayo

ukwenza
khawuleza
kuqala
hlanu

Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

gcuma	umnyiki	iqhaga
gcina	inyama	iqhinga
ugcado	inyosi	iqhosha

Khuphela esi sivakalisi. Masibhale

Amantshontsho ayaqhwaya.

Khuphela oonobumba. Masibhale



g

fy

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 61 2019/10/23 10:51:04

Amantshontsho amahlanu



Masenze

Funda **eli bali** ungamantshontsho amahlanu uze uziqhelise ukuwufunda kunye nabahlobo bakho abahlanu. Umntu ngamnye uza kuba lelinye lamantshontsho. Omnye wenu kufuneka abe sisikhukukazi.





Masibhale Biyela igama elichanekileyo ngesangqa.



Izolo bendiye/ndiya kudlala kuloBongi.

Ngomso bendiye/ndiza kuya esikolweni.

Kule veki iphelileyo ndibona/ndabona amantshontsho asemancinci.

Ngoku ndidlala/ndadlala nekati yam.



Masibhale Gqibezela ezi zibalo zamagama.



inqwelo + ntaka =



iphepha + indaba =

ukubona + kude =



iinwele + ilanga =



dlula + umthi =



intaba + umlilo =



XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 62 2019/10/23 10:51:07

Umhla: _____



Masonwabe

Fakela la magama kwiibhokisi zezandi ezikwivili elikhulu.
Licime ngokulikrwela igama wakugqiba ukulibhala kwibhokisi echanekileyo.

kroba | umgca | dlala | iphepha | iphupha | itshizi | unyaka | ilaphu

gcuma | dlula | qhwaya | ityhefu | qhwesha | krwela | gcina

isepha | tshintsha | imatshisi | dlisa | umnyiki | nyikinya | ityhubhu



TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 63 2019/10/23 10:51:09

Imvubu kunye nofudo



Masifunde

Yenza incwadi esikwayo ukuze ufunde ibali lemvubu nofudo. Songa kwimigca engqindilili uze usike kwimigca echokoziweyo.



Masithethe

Funda eli bali lingemvubu nofudo. Libali eliyinyani. Thetha nabahlobo malunga nobuhlobo obumangalisayo obuphakathi kwezi zilwanyana.

Masibhale

Funda ibali lemvubu nofudo kwakhona uze ubhale izivakalisi ezi-5 ezibalisa eli bali.

XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 64 2019/10/23 10:51:12

Imvubu kunye nofudo

1

Qhaboshela apha

Songa kumgca ongqindilili

Kamva akuba mdala uThami wadibana nentwazana ekwayimvubu egama lalinguHlehle. Namhlanje uhlala ngolonwabo noHlehle.

91

Sika kwimigca echokoziweyo emva kokuba uyiqhoboshile incwadi yakho

Songa kumgca ongqindilili

8

Bamthatha uThami bamsa epakini.
Wahlala apho kwigadi eyayinedama.

9

3

Imvubu nofudo zaba ngabahlobo abakhulu. Babesitya kunye, badade kunye bade badlale kunye.

14

Wonke ubani wazama ukulinceda ithole lemvubu ukuba libuyele emhlabeni. Basebenzisa iminatha kunye neemoto ukulitsalela ngaphandle kolwandle.

6

Epakini ladibana nofudo olukhulu.

11

Ithole lemvubu lalimkhumbula kakhulu unina walo.

Amanzi alikhukuliselа ngezantsi komlambo lazibona seliselwandle.

Ufudo lwaqaphela ukuba uThami uselusana. Kwakuza kufuneka lujonge uThami lo lumbonise ukuba atye ntoni kwaye alale phi.

Ngenye imini kwakukho isichotho esikhulu. Imvula yalisusa ithole lemvubu kunina walo.

XHO HL Gr2 B2 TH6.indd 68 2019/10/23 10:51:22

I z i q u l a t h o

Umxholo 7: Izolo, namhlanje nangomso

Ikota 4: liveki 1 - 4

97 Iindaba ezivela kumhlobo 70
Ufunda ileta.
Uphendula imibuzo eneempendulo eziliqela ezikhethisayo esekelwe kwileta.
Ubala imihla neentsuku eziseleteni aze azibhale kwikhalenda.

98 Izicwangciso zethu 72
Izandi: nya, mhla, xhe, cwa
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ubhala izivakalisi azilandelelanise ngokwasebalini.
Ubhala iindaba zakhe.
Ucengceleza umbongo.

99 Ikonisathi yesikolo sethu 74
Ufunda inkqubo yekonisathi yesikolo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinkqubo yekonisathi.
Izandi: qha, kha, mbi, ntsu.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ubhala izivakalisi ngezinto aza kunzenza ngexesha leholide.
Ukhuphela oonobumba H, h, I, i, J, j.

100 Kwenzeke ntoni emva kwekonisathi 76
Basebenza ngokwamaqela baze bakhethe into kwinkqubo yekonisathi bayenzele iklasi.
Uqikelela isiphelo sebali.
Ugqibezela iqamza lentetho lokugqibela ebalini.
Utshatisa izivakalisi neziphelo zazo ezichanekileyo.
Iphazile yamagama.

101 Ixesha 78
Ufunda ibali elingamaxesha emisebenzi kaBusi.
Uchaza ixesha elichanekileyo ebalini.
Uzalisa itheyibhile yemisebenzi yemihla ngemihla kaBusi.
Izandi: qh, nqw, ngq, nkq.
Ukhuphela oonobumba K, k, L, l, M, m.

102 Usuku lwam oluxakekileyo 80
Ubhala kwitheyibhile imisebenzi yemihla ngemihla ngokwamaxeha ayo.
Usebenzisa amagama akwixesha eladlulayo kwizivakalisi.
Utshatisa izichasi.
Uyazoba ukuze agqibezele imifanekiso.

103 UDan ebeneveki embi 82
Ufunda ibali elingoDan.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Uhlela amagama ngokwezandi (nkx, xh, nx, ngx).
Ubhala izivakalisi asebenzise amanye ala magama.
Ukhuphela oonobumba N, n, O, o, P, p.

104 Kwenzeke ntoni kuDan 84
Ulinganisa okwenzeke kuDan.
Uzoba imifanekiso abonise imisebenzi yemihla ngemihla evekini.
Ubhala izivakalisi ezingemifanekiso.
Ugqibezela amagama aze awatshatise nemifanekiso.

105 Ukuhamba-hamba 86
Ufunda ibali elingeeholide ezizayo.
Uzalisa izicwangciso zeholide kwikhalenda.
Uphendula imibuzo esekelwe kwitheyibhile yeholide.
Uhlela amagama ngokwezandi (ch, nc, ngc, nkc).
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Khuphela oonobumba Q, q, R, r, S, s.

106 Ukuhamba-hamba (kusaqhutywa) 88
Uchaza amaphondo asemephini.
Usebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo.
Ufakela iziphumlisi kwizivakalisi aze achaze iindidi zezivakalisi.
Ubhala izihloko ezichanekileyo zeencwadi.
Wenza uqikelelo malunga nomxholo weencwadi.

107 Usapho lwasekhaya nesilo-qabane sam 90
Ufunda ibali elingosapho nezilo-qabane.
Ugqibezela itheyibhile engosapho lwakowabo abhale phantsi kwezihloko azinikiweyo.
Izandi: ty, nq, th, hl
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Khuphela oonobumba *T, t, U, u, V, v, W, w, X, x, Y, y.*

108 Yintoni entsha? 92
Umsebenzi wolonwabo wokudibanisa amachokoza.
Ubhala izivakalisi kwakhona asebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.
Uchaza izenzi nezibizo.
Wenza isiqinisekiso sokuwonga ilungu losapho.

109 Ukubhala ibali 94
Uxoxa ngesakhiwo sebali kunye nomhlobo wakhe.
Uzalisa isicwangciso sebali asebenzise izihloko azinikiweyo.
Ulandela imiyalelo yencwadi yebali esikwayo.

110 Amaqashiso 97
Utshatisa amaqashiso nemifanekiso echanekileyo.
Uphendula amaqashiso.

111 UMajeke nomthi weembotyi 98
Ufunda ibali likaMajeke nomthi weembotyi.

112 UMajeke nomthi weembotyi (lisaqhutywa) 100

112b UMajeke nomthi weembotyi (lisaqhutywa) 102



XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 69 2019/10/23 10:49:47

lindaba ezivela kumhlobo



Masifunde



24 Cresta Street
Seaview
Cape Town
3880
20 EyeThupha 2015

Bongi endimthandayo

Bekumnandi ukukubona ebholeni yomnyazi izolo.

Sixakekile kakhulu ngoku esikolweni. KuLwesihlanu ozayo siza kuba nekonisathi yethu yesikolo. Amantombazana aza kuba nomxhentso wesintu. Amakhwenkwe aza kufunda umbongo ngoMzi nofudo. UJabu uza kuba ngumhlekisi ekonisathini.

Kumnandi esikolweni. Ngexesha lokudlala ndidlala noZintle noLizzy. Izolo besidlala undize. UZintle wazimela endlwini yemithi. Simfune kulo lonke ibala lokudlala kodwa khange simfumane. Ndakhwaza ndathi "Zintle phuma ngoku!" Kwaba kungona simfumanayo.



Siza kubonana kwixesha elizayo xa sidlala ibhola yomnyazi.

Umhlobo wakho

Suzy

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 70 2019/10/23 10:49:49

Umhla: _____



Masibhale Funda ileta kwakhona, uze ufake uphawu kwimpendulo efanelekileyo. (✓)

Ngubani obhale ileta?	
A	NguBongi
B	NguSuzy
C	NguZintle

Ngoobani abahlobo bakaSuzy?	
A	NguZintle noRobbie
B	NguZintle noLizzy
C	NguLizzy noSandy

Ikonisathi iza kuba kweyiphi inyanga?	
A	KweyeThupha
B	KweyoMsintsi
C	KweyeDwarha

ULizzy uza kwenza ntoni ekonisathini yesikolo?	
A	Uza kuxhentsa
B	Uza kuba ngumhlekisi
C	Uza kufunda umbongo



Masibhale

Funda ileta ngobunono. Zama ukufumana imihla neentsuku eziseleteni. Ziphawule kwikhalenda. Emva koko phendula imibuzo.

EyeThupha

Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu	Mgqibelo	Cawe
				1	2	3
4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17
18	19	20	21	22	23	24
25	26	27	28	29	30	31

USuzy uyibhale ngowuphi umhla ileta?	
Uyibhale ngoluphi usuku ileta?	
Udlale undize ngowuphi umhla?	
Udlale undize ngoluphi usuku?	

TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 71 2019/10/23 10:49:50

Izicwangciso zethu



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

Amagama ajongisiswayo

wajonga
wafuna
ibhola
wakhwaza

umnyazi	umhla	ukuxhentsa	izicwangciso
inyama	namhlanje	ukuxhela	cwaka
isilwanyana	umhlaba	ukuxhesha	cwaba



Masibhale

Faka iinombolo kwezi zivakalisi zilandelelane ukusuka ku-1 ukuya kwisi-3.



	USuzy uza kuxhentsa ekonisathini yesikolo ngeyeThupha.
	USuzy ubhalele uBongi ileta.
	USuzy noLizzy bahlangana ebholeni yomnyazi.



Masibhale

Bhala ezakho iindaba.



Izolo
Namhlanje
Ngomso ndiza
Kwinyanga ezayo ndiza

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 72 2019/10/23 10:49:52

Umhla:



Masonwabe

Kwiqela lakho, ziqhelanise nokufunda umbongo ngoMzi, ufudo nethole lemvubu.







Ingonyana yovuyo ngemvubu

Ithole lemvubu elincinci
Litshize amanzi ngeempumlo zalo.
Lihamba phakathi emlanjeni
Udaka luphumela ezinzwaneni.
Nanko noMzi esiza
Ecothoza egwegweleza egopheni.
UMzi nethole leMvubu baba
ngabahlobo benene.





TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 73 2019/10/23 10:49:54

Ikonisathi yesikolo sethu



Masifunde



Inkqubo yeKonisathi yeSikolo samaBanga aPhantsi saseLibhongo

Umhla: 26 EyeThupha 2015
Ixesha: ngentsimbi yesi-6:00 ukutshona kwelanga ukuya kwi-7:30 ngokuhlwa.

Amanqaku

1 Ivulwa yiNqununu yethu uNksk. A Nkuna
2 Umbongo ngoMzi nemvubu
3 Umxhentso wesiNtu
4 Amabhaso ibanga loku-1, elesi-2 nelesi-3
5 Umculo webanga lesi-3
6 UJabu umhlekisi

Kungenwa simahla

Iikeyiki neelekese ziya kuthengiswa phambi kokuba iqale ikonisathi.



Masifunde Funda inkqubo yekonisathi yesikolo, uze uphendule imibuzo.

Ikonisathi ingowuphi umhla?	
Iqala ngabani ixesha ize iphele xesha liphi?	Iqala _____ Iphela _____
Ngubani inqununu yesikolo?	
Ngubani oza kuba ngumhlekisi?	
Yeyiphi iklasi eza kucula?	
Zeziphi iiklasi eziza kufumana amabhaso?	
Kuza kuthengiswa ntoni ekonisathini?	
Kungenwa ngamalini ekonisathini?	

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 74 2019/10/23 10:49:55

Umhla:



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

Amagama ajongisiswayo

wayefuna
into
walila
wayenako

iqhakuva	khaba	intsimbi	intsumpa
iqhalo	khala	mhlawumbi	iintsuku
qha	khama	imbiza	intsundu



Bhala izivakalisi ezi-6 uchaze ukuba uza kwenza ntoni ngexesha leeholide. Masibhale





Khuphela oonobumba. Masibhale







TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 75 2019/10/23 10:49:56

Kwenzeke ntoni emva kwekonisathi



Masenze

Kwiqela lakho, khetha inqaku libe linye kwinkqubo yekonisathi uze uziqhelanise nalo. Yenza umboniso womdlalo ngelo nqaku eklasini. Iklasi mayikuxelele ukuba inqaku olibonisa emdlalweni wakho leliphi kwinkqubo yekonisathi. Mhlawumbi ungathanda ukufunda umbongo, uziqhelanise nomxhentso okanye ucule ingoma.



Masibhale

Jonga le mifanekiso. Balisela umhlobo wakho ibali umxelele nangendlela ocinga ukuba liya kuphela ngayo. Ngoku gqibezela iqamza lentetho yokugqibela ubonise okuthethwa ngutitshala.









XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 76 2019/10/23 10:50:01

Umhla:



Masibhale

Tshatisa isiqalo sesivakalisi esikwibhokisi ezuba kunye nesiphelo esichanekileyo esikwibhokisi eluhlaza.

UPam utye isonka sakhe	kuba uJim ebefuna isonka sam.
Nditye isonka esihlohliweyo	kuba wayelambile.
Ndabiza utitshala	kuba wayenemfeketho.
Utitshala wangxolisa uJim	kuba bendilambile.





Masonwabe

Funa uze ubiyele amagama asebhokisini ahambelana nomfanekiso. Emva koko krwela umgca osuka egameni uye emfanekisweni ofanelekileyo. Khumbula, amagama asenokuxwesa okanye aye ezantsi.



u	c	a	n	g	o	z	u	o	i
c	h	o	p	h	a	y	c	x	n
i	s	i	c	h	o	t	h	o	c
n	i	n	g	c	a	u	e	r	w
g	a	w	n	e	r	j	b	o	a
o	u	n	c	u	m	o	a	u	d
o	h	m	i	c	a	n	g	c	i
u	m	k	h	e	n	k	c	e	e



















TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 77 2019/10/23 10:50:03

Ixesha



Masifunde Funda ibali uze utshatise iwotshi nomfanekiso nezivakalisi ezifanelekileyo. Sikwenzele owokuqala.



NgoMvulo uBusi uvuka ngentsimbi yesi-6 kusasa.



Uya esikolweni ngentsimbi yesi-7 kusasa.



Ugoduka ngentsimbi yoku-1 emva kwemini.



Udlala noPam ngentsimbi yesi-3 emva kwemini.



Wenza umsebenzi wakhe wesikolo ngentsimbi yesi-4 emva kwemini.



Utya isidlo sakhe sangokuhlwa ngentsimbi yesi-6.



Ulala ngentsimbi yesi-8.















XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 78 2019/10/23 10:50:10

Umhla:



Masibhale Bhala okwenziwa nguBusi ngala maxesha ngosuku ngalunye.

ngentsimbi yesi-6	
ngentsimbi yesi-7	
ngentsimbi yoku-1	
ngentsimbi yesi-3	
ngentsimbi yesi-4	
ngentsimbi yesi-6	
ngentsimbi yesi-8	



Umsebenzi wamagama Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

Amagama ajongisiswayo

nkqonkqa
nkqo
nzima
nquma
inqina

qhuqha	unqweme	ingqiniba	nkqonkqoza
qhuba	inqwelo	ingqina	inkqayi
isiqhuma	umnqweno	ingqimba	nkinkqa



Khuphela oonobumba. **Masibhale**



k *K*

l *L*





m *M*

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 79 2019/10/23 10:50:15

Usuku lwam oluxakekileyo



Masenze Bhala okwenza ngala maxesha ngosuku ngalunye.



ngentsimbi yesi-6	
ngentsimbi yesi-7	
ngentsimbi yoku-1	
ngentsimbi yesi-3	
ngentsimbi yesi-4	
ngentsimbi yesi-6	
ngentsimbi yesi-8	





Masibhale Xa kufakelwe u-ile egameni oko kukholisa ukuthetha ukuba isenzo sesenzekile. Funda isibini ngasinye sezivakalisi. Fakela u-ile okanye u-e kwigama elinombala umsebenzisele ukugqibezela isivakalisi sesibini.



UBusi noPam bayakuthanda ukudlala.

Kwiiveki ephelileyo badlale ibhola yomnyazi.



UJabu uyaxhuma-xhuma.

Izolo _____ waya kubetheka eludongeni.



UBusi uyakwazi ukupheka.

Izolo _____ intlanzi.

UPam uyikhaba ngamandla ibhola.

_____ yaze yaphula ifesitile.

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 80 2019/10/23 10:50:18

Umhla:

Izichasi



Masibhale

Krwela umgca osuka emagameni akwikholamu eluhlaza oya emagameni akwikholamu ezuba aneentsingiselo ezichaseneyo.

phezulu		ovuyayo
yiza		ebusuku
cotha		emfutshane
entsha		phakathi
emini		endala
phandle		ewe
olusizi		hamba
hayi		khawulezisa
ende		ezantsi





Masonwabe

Funda izivakalisi uze ugqibezele le mifanekiso mi-3.

1 Yintsimbi yesi-8 kusasa. Ilanga liphumile. Inja ileqa ikati.





2 Ikati ibaleka ikhwele emthini. Ilanga lishushu.



3 Ebusuku ikati yehla emthini.

TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 81 2019/10/23 10:50:21

UDan ebeneveki embi



Masifunde



UDan osizelekayo ebeneveki embi. Uvuke emva kwexesha ngoMvulo. Imshiyile ibhasi waze wafika emva kwexesha esikolweni. "Kutheni ufika emva kwexesha, Dan?" ubuzile utitshala wakhe.



NgoLwesibini uye esikolweni kodwa walibala ubhaka wakhe ebhasini. Ufike eklasini ephethe ibhola ekhatywayo kuphela. "Dan, ziphi iincwadi zakho?" ubuzile utitshala.



NgoLwesithathu uvuke kwangoko. Ukhwele ibhasi. Wahlala wahlala ebhasini. Kodwa uDan ebekhwele ibhasi engeyiyo eyakhe. Ibhasi iye naye kwesinye isikolo. "Uphi uDan namhlanje?" ubuzile utitshala.



NgoLwesine uDan ebengayifumani iyunifomu yakhe. Ugqibele ngokuya esikolweni ngempahla yakhe yokuqubha. "Iphi iyunifomu yakho, Dan?" ubuzile utitshala.



NgoLwesihlanu uDan uvuke phambi kwexesha kakhulu. Uye esikolweni kusemnyama. Wayedinwe kakhulu waza walala eklasini. "Kutheni ulele, Dan? ubuzile utitshala wakhe.



NgoMgqibelo uDan uye esikolweni kodwa isango belitshixiwe. Unantoni na uDan! Akukho sikolo ngoMgqibelo.

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 82 2019/10/23 10:50:26

Umhla:



Masibhale Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Bekutheni ukuze afike emva kwexesha ngoMvulo uDan?

Bekungolwesingaphi apho aye nebhola ekhatywayo esikolweni uDan?

Uye ngolwesingaphi ngempahla yokuqubha esikolweni uDan?

Kwenzeke ntoni xa esiya esikolweni ngoMgqibelo uDan?



Umsebenzi wamagama

Fakela amagama ashiyiweyo kwizikhewu ezichanekileyo. Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

inkxaso xhuzula nkxwe iyanxakama

gungxula nxazonke eXhukwane ndingxamile

Amagama ajongisiswayo

if estile

lala

oluhlaza

xhuma	nxiba	ingxolo	inkxalabo



Khuphela oonobumba. Masibhale







TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 83 2019/10/23 10:50:30

Kwenzeke ntoni kuDan



Masenze

Yenza umdlalo ubonise okwenzeke kuDan ngosuku ngalunye. Nikanani amathuba okuba nguDan. Ninako nokunikana amathuba okuba ngutitshala.







Masibhale

Zoba umfanekiso ubonise okwenzayo ngosuku ngalunye lweveki. Fakela iintsuku.





Masibhale

Bhala okwenzayo ngezi ntsuku.

ngoMvulo	
ngoLwesibini	
ngoLwesithathu	
ngoLwesine	
ngoLwesihlanu	
ngoMgqibelo	
ngeCawa	



XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 84 2019/10/23 10:50:33

Umhla:



Masonwabe

Yakha amagama. Wakugqiba funa igama elihambelana nomfanekiso.





h
hl → amba
l

hamba



um
ngom → hla
imi

l
z → odwa
s



isi
ili → zwe
ubu

um
isi → ntu
aba



th
n → ina
x

is
umny → ango
uc



s
l → abo
z

s
z → onke
b



s
l → am
n

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 85 2019/10/23 10:50:36

Ukuhamba-hamba



Masifunde

Kusondele ixesha leeholide. Bonke abantwana bathetha ngezinto abaza kuzenza ngeeholide zesikolo. Abantwana abahlanu baza kuya kwezinye iidolophu. Utitshala wabo ubacela ukuba babhale kwisicwangciso oko baza kukwenza ngeeholide.





Izicwangciso zeholide

Igama	Usuku	Iindawo	Uza kwenza ntoni apho?
UAnn	ngoLwesine	eRhawutini	Ndiya kwitheko likamzala wam.
UDan	ngoMvulo	ePolokwane	Ndiya kutyelela umakhulu.
UBongi	ngoLwesithathu	eThekwini	Ndiya elwandle.
UJabu	ngoLwesihlanu	eMbombela	Ndiya eKruger Park.
UBusi	ngoMgqibelo	eMthatha	Ndiya emtshatweni.

Bhala oza kukwenza.

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 86 2019/10/23 10:50:39

Umhla:



Masibhale Funda itheyibhile yeholide kwakhona uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

Ngubani oza kuya eRhawutini?	
Uza kwenza ntoni uDan ngoMvulo?	
Ngubani oza kuya elwandle?	
UBusi uza kwenza ntoni ngoMgqibelo?	
Ngubani oza kuya eKruger Park?	
Unqwenela ukuyaphi wena?	



Umsebenzi wamagama Bhala la magama kwizikhewu ezichanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

umchucho uncedo inkcubeko incam

iingceba inkcenkce ngcekelela chaza

Amagama ajongisiswayo

umile
nceda
uyeza
kunye

chatha	ncam	umngcipheko	inkcazo



Khuphela oonobumba. **Masibhale**



q Q

r R

s S





TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 87 2019/10/23 10:50:43

Ukuhamba-hamba (kusaqhutywa)



Masenze

Krwela umgca ubonise apho baya khona aba bantwana.



UDan

ePolokwane



UBongi

eThekwini



UJabu

eMbombela



UAnn



UBusi

eMthatha



Masibhale

Phinda ubhale isivakalisi ngasinye usebenzise oonobumba abakhulu nezingxi.

iihagu zinemisila esongeneyo

indlulamthi inentamo ende

amaqwarha anemigca

indlovu inomboko omde

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 88 2019/10/23 10:50:49

Umhla: _____



Masibhale Gqibezela ezi zivakalisi ngokusebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo. Xela ukuba isivakalisi ngasinye siluhlobo luni na.

Sigqibezela isivakalisi esixelayo ngesingxi. (.)
Sigqibezela umbuzo ngophawu lombuzo. (?)
Sigqibezela isivakalisi esibonisa imincili ngophawu lokukhuza. (!)

Ndiyazithanda iilekese.	siyaxela . ! ?
Ungubani igama lakho	
Musa ukunqumla indlela, kukho imoto	
Uhlala phi	
Ndinonodoli olibhere opinki	
Ufunda ntoni	
Andibuthandi ubusika	
Lumka, nantsi inyoka	



Masonwabe Bhala isihloko sencwadi nganye. Isihloko sencwadi sisixelela okuqulethwe libali. Xelela umhlobo wakho ukuba ucinga ukuba ungantoni umxholo wencwadi nganye. Faka iinombolo ezincwadini ngokolandelelwaniso ofuna ukuzifunda ngalo. Qala ngo-1 kwincwadi ofuna ukuyifunda kuqala, uze uphele ngo-4 kwincwadi ongathandi kakhulu ukuyifunda.









XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 89 2019/10/23 10:50:52

Usapho lwasekhaya nesilo-qabane sam

Masifunde



Ndinosapho olukhulu. Namhlanje siza kutyelelwa ngabazala bethu. Umama wam ngumongikazi. Utata wam usebenza enqanaweni. Umakhulu uyasigcina xa umama esemsebenzini.

Kubamnandi xa besityelele abazala bethu kuba sidlala ibhola ekhatywayo kunye nondize. Ngelinye ixesha udadewethu omncinci ufuna ukudlala nathi, kodwa akakwazi. Usemncinci kakhulu.

Sinezilo-qabane ezininzi. Mna ndinentlanzi encinci nentaka. Udadewethu unenja esengumbundlwana nentshontsho lekati elihle. Ngelinye ixesha ikatana yakhe ifuna ukutya intlanzi yam.

Masibhale

Bhala amagama abantu abakusapho lwakowenu.
Chaza ukuba bazalana njani ubhale neminyaka yabo.

Igama	Uyintoni kuwe	Ubudala
UMpumelelo	Umzala	12 iminyaka

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 90 2019/10/23 10:50:54

Umhla:

Igama	Uyintoni kuwe	Ubudala



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

Amagama ajongisiswayo

esiphi
isigebenga
ubugqi
nasiphi

ityesi	inqanawa	omhle	wethu
ityali	inqindi	esihle	sethu
ityala	inqaba	bahle	zethu





Khuphela oonobumba.

Masibhale



t T

w W

u U

x X



v V

y Y

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 91 2019/10/23 10:50:56

Yintoni entsha?



Masenze

Yintoni esi silo-qabane? Dibanisa amachokoza ukuze ubone.





Masibhale

Bhala isivakalisi ngasinye usebenzise oonobumba abakhulu neziphumlisi ezifanelekileyo.



singaya epakini

Singaya epakini ?





uann nobongi baya epakini

musa ukujinga phezulu

ndingayi thatha le bhaluni



XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 92 2019/10/23 10:51:00

Umhla:



Masibhale

Amagama abonisa izenzo asixelela ngokwenzekayo.
Funda isivakalisi ngasinye uze ukrwele umgca ngezantsi
kwegama elibonisa isenzo (isenzi). Emva koko biyela umntu okanye into eyenza isenzo.









Iintaka ziyabhabha.	
Ikati iyatsiba.	Iwotshi iyancinciza.
Amadada ayadada.	Intombazana iyacula.
Abantwana bayadlala.	Usana luyakhala.









Masonwabe

Imbasa yohlobo olulodwa yelungu losapho.

Bhala igama lomntu.

Lo mntu uzalana njani nawe? Ngumama okanye ngutata okanye ngudadewenu okanye ngumnakwenu?

Chaza isimo sakhe. Yintoni eyenza ukuba eli lungu losapho libe lelilodwa?



Imbasa inikwa ngu

Umhla

Mzobe loo mntu.

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 93 2019/10/23 10:51:03

Ukubhala ibali



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngebali oza kulibhala.
Emva koko bhala izimvo zakho kweli phepha.



Isicwangciso sebali lam

Kukho bani ebalini lakho?

Abalinganiswa nesimo sentlalo.

Lenzeka phi ibali?



Lenzeka nini ibali?

Isiqalo

Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali?

Phakathi

Kwenzeka ntoni phakathi ebalini?

Isiphelo

Liphela njani ibali?



XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 94 2019/10/23 10:51:04

UQWEQWE LWANGASEMVA



MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Apho uhlala khona.

8

Inyathelo 2: Songa emqaqeni achokoziweyo

Inyathelo 3: Qhokosha kwelicala

UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

Inyathelo 4: Sika emqaqeni odibeneyo

Inyathelo 1: Songa emqaqeni ochokoziweyo

5

Qhubeka nebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

4

Bhala isiqu sebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qala apha ukubhala ibali lakho.

2

Zoba umfanekiso apha.

Gqibezela ibali.

7

3

Qhubeka nebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

6

Bhala okwenzeka ekupheleni kwebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

Amaqashiso



Masonwabe

Tshatisa aba qashi-qashi nemifanekiso efanelekileyo.
Emva koko bhala iimpendulo kwisithuba esinikiweyo.



indlu

Ndimkhulu kwaye uhlala kum. Ndiyintoni?

indlu 



ihashe

Ndibanda ceke kwaye ndiswiti unako ukunditya. Ndiyintoni?



idayinaso

Ndineendlebe ezinde kwaye ndingcileza ngokukhawuleza okukhulu. Ndiyintoni?



i-ayisi khrim

Intamo yam inde kakhulu. Nditya amagqabi asemithini. Ndiyintoni?



indlulamthi

Ndimdala kakhulu ngokugqithisileyo. Kudala kakhulu ndaba khona. Ndiyintoni?



isambrela

Ndimkhulu kwaye ndintsundu ndiyakwazi ukubaleka nokutsiba. Ndiyintoni?



umvundla

Ndiyakuthanda ukudlala kanti nditofo-tofo. Ndiyintoni?



ufudo

Ndiyenyuka xa isihla imvula. Ndiyintoni?



intyatyambo

Ndihamba nendlu yam apho ndihamba khona. Ndiyintoni?



ikati

Ndibomvu natyheli kwaye ndimhle kakhulu. Ndiyintoni?

TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 97 2019/10/23 10:51:11

UMajeke nomthi weembotyi



Masifunde



Kudala-dala kwakukho inkwenkwe eyayibizwa ngokuba nguMajeke. UMajeke wayehlala nomama wakhe. Wayengenatata.

Ngoko wayesaphila utata wakhe, isigebenga esikhohlakeleyo saba uhadi lwakhe nesikhukukazi sakhe esasibekela amaqanda egolide.



UMajeke nomama wakhe babehlupheka kakhulu. Umama kaMajeke wamxelela ukuba aye nenkomo emarikeni aye kuyithengisa.

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 98 2019/10/23 10:51:12

Umhla:

Endleleni, uMajeke wadibana nomnini-silarha, owambonisa iimbotyi zobugqi ezi-5. UMajeke wamnika inkomo yena wathatha iimbotyi.





Umama kaMajeke waba nomsindo kakhulu. Wathatha iimbotyi waziphosa phandle ngefestile. Kwakungekho kutya, waza yena noMajeke baya kulala bengatyanga.

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 99 2019/10/23 10:51:13

UMajeke nomthi weembotyi (lisaqhutywa)



Ngentsasa elandelayo kwakukho umthi weembotyi omde kakhulu phandle. UMajeke wakhwela emthini weembotyi.

Wathi akufika phezulu uMajeke, wabona apho sihlala khona isigebenga esikhohlakeleyo. Kwakhona wabona uhadi nesikhukukazi sikatata wakhe. UMajeke wathatha igolide waphinda wehla ngomthi weembotyi.



XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 100 2019/10/23 10:51:15

Umhla:

Ngemini elandelayo uMajeke wabuyela phezulu wakhwela umthi weembotyi elanda uhadi lukatata wakhe. Wasibona isikhukukazi sikatata wakhe esasibekela amaqanda egolide. UMajeke wathatha uhadi nesikhukukazi. Kodwa isigebenga savuka! Naso isigebenga sileqa uMajeke.



UMajeke wehla ngomthi weembotyi samleqa isigebenga esikhohlakeleyo.

XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 101 2019/10/23 10:51:16

112b UMajeke nomthi weembotyi (lisaqhutywa)

UMajeke wakhwaza umama wakhe. Waphuma endlwini ebaleka ephethe izembe.



Umama wakhe ugawule msinyane kangangoko anako. Wawa umthi weembotyi phambi kokuba isigebenga simbambe uMajeke.



UMajeke nomama wakhe bahlala ngolonwabo emva koko.



XHO HL Gr2 B2 TH7.indd 102 2019/10/23 10:51:18

Iziqulatho

Umxholo 8: Ubuhlobo nokukhathalela

Ikota 4: liveki 5 - 8

113 Isipho somhla wokuzalwa sikaBusi 104

Ufunda ibali lomhla wokuzalwa kukaBusi.
Ufunda isibhengezo sebhayisekile ethengiswayo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala umyalezo wosuku lokuzalwa kwikhadi lomhla wokuzalwa likaBusi.
Izandi: w, ntl, ntsh, y.
Uhlela amagama ngokwezandi
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela la magama *ndi*, *e*.

114 Ingaba uza kuyithenga le bhayisekile? 106

Uxoxa ngezibhengezo zentengiso eziphuma kunomathotholo nakumabonakude.
Wenza umdlalo alinganise intengiso kamabonakude.
Uphendula umbuzo ongomdlalo wentengiso.
Ubhala ezakhe iindaba.
Ukhetha igama elichanekileyo.
Uphawula umfanekiso webhayisekile.

115 UBusi uthenga ibhayisekile 108

Ufunda ibali elingoBusi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Uhlela amagama ngokwezandi (gq, yi).
Ukhuphela la magama *yona*, *phakathi*.

116 Abahlobo bokwenene naphakade 110

Uyaxoxa aze aqikelele ibali.
Ugqibezela amaqamza entetho.
Ubhalela abahlobo imiyalezo emakhadini.
Ubhala isiphelo sebali.
Ulungisa amagama aphithanisiweyo.

117 UDan udlala ibhola ekhatywayo 112

Ufunda ibali elingoDan edlala ibhola ekhatywayo.
Ubhala uluhlu lwezishunqulelo ezikwisicatshulwa.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala izivakalisi zibe kwintetho-ngqo.
Uhlela amagama ngokwezandi (nq, hl)
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela eli gama *phezu*.

118 UDan wenzakala enyaweni 114

Ufakela iinombolo abonise ukulandelelana kweziganeko.
Ubhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.
Usebenzisa izishunqulelo.
Utshatisa izifanokuthi.
Masonwabe.

119 Ukunceda abanye 116

Ufunda ibali elingokunceda abanye abantu.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala izivakalisi ezingokunceda abanye abantu.
Uhlela amagama ngokwezandi (ii, bu, ili, ama)
Ufunda amagama aze amamele izandi.
Khuphela la magama *yena*, *thina*.

120 Senza ntoni? 118

Uphawula uluhlu lwezinto abazenzayo xa bencedisa emakhaya.
Uchonga izifinyezo.
Ukhetha izimelabizo ezichanekileyo.
Masonwabe.

121 Sonke siyabhiyoza 120

Ufunda isicatshulwa esingemibhiyozo eyahlukeneyo.
Ubhala iimpendulo ezisekelwe kwisicatshulwa azidwelise kwitheyibhile.
Ubhala izivakalisi ezimalunga neholide ayibhiyozelayo.
Uhlela amagama ngokwezandi (v, e, w, y)
Ufunda amagama aze amamele izandi.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Khuphela la magama *uyakwazi*, *yethu*.

122 Sisabhiyoza 122

Iingxoxo neengqikelelo ezisekelwe kwimifanekiso.
Uchonga izenzi nezibizo.
Ubhala izicwangciso zakhe zonyaka.
Utshatisa izivakalisi

123 Unyaka omiyo kunye nonyaka ozayo 124

Ubhala iziganeko zenyanga nganye kwikhalenda.
Ubhala iinyanga ezi-6 ezahlukeneyo aze abhale akwenzileyo kwinyanga nganye.
Ubhala izivakalisi esebenzisa amagama awanikiweyo.
Khuphela la magama *thina*, *yiba*, *ngoko ke*, *bona*.

124 Ukubhala ibali 126

Uxoxa nomhlobo wakhe ngesakhiwo sebali.
Ugqibezela isicwangciso sebali.
Ubhala ibali kwincwadi esikiweyo.

Ukhethekile 129

Isichazi-magama sam 130







XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 103 2019/10/23 10:50:06

Isipho somhla wokuzalwa sikaBusi



Masifunde

Kule veki iphelileyo ngoMgqibelo ibilusuku lokuzalwa lukaBusi. Ebegqiba iminyaka eli-9. Wayonwabe kakhulu kuba umalume wakhe wampha ama-R50 ukuze azithengele isipho esihle. UBusi kunye noPam babona ipowusta ebhengeza ibhayisekile.

KUTHENGISWA IBHAYISEKILE

Kuthengiswa ibhayisekile entle yentombazana.

Le bhayisekile ifana nentsha.

Zintwazana, kutheni ningakhweli ibhayisekile ukuya esikolweni nje?



Yivavanye phambi kokuba uyithenge.

Fowunela uBarbie kule nombolo
012 012 0120

Injani?

- Yibhayisekile engama-55cm yamantombazana
- Inebhasikiti yonodoli ngaphambili, ibhotile yamanzi yeplasitiki kunye neziqhoboshi ezisasebenza kakuhle.
- Inesakhelo esipinki namhlophe, isali epinki enokunyuswa iphinde yehliswe kwakunye neempondo ezimfumamfuma.
- Itsheyina layo ligqunyiwe ukuze imilenze yakho ingangcoliswa yioyile.



Masibhale Phendula le mibuzo. Bhala iimpendulo zakho kule theyibhile.



Kuthengiswa ntoni?	
Ngubani oyithengisayo?	
Ithini inombolo yakhe?	
Ingaba intsha kraca?	

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 104 2019/10/23 10:50:08

Umhla:

Amagama ajongisiswayo

vavanya

isakhelo

intsha

i-intshi



Masibhale Bhala umyalezo wosuku lokuzalwa kwikhadi lomyalezo wosuku lokuzalwa likaBusi.







Umsebenzi wamagama Funda la magama ze umamele izandi. Bhala amagama kwiibhokisi ezichanekileyo. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ikhawutshi intsha ipeyinti intlanzi

intlama ifleyithi itshintshi nyawuza













Masibhale Khuphela la magama.

ndi

e

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 105 2019/10/23 10:50:12

Ingaba uza kuyithenga le bhayisekile?



Masenze

Ingaba ukhe wabona okanye weva iintengiso eziphucukileyo kumabonakude okanye kunomathotholo? Yintoni ebiphucukile ngazo?
Niliqela yenzani umdlalo-linganiso wentengiso yebhayisekile oza kuboniswa kumabonakude okanye nantoni eninokuyicinga.





Niza kuthengisa ntoni?



Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye uze ukhethe igama elichanekileyo ukuze ugqibezele isivakalisi.

Namhlanje uBusi noPam usevenkileni/basevenkileni yeebhayisekile.

Bona babuka/ubuka iibhayisekile.

UBusi banama-/unama-R50 awafumene ngosuku lwakhe lokuzalwa.

Izolo bona ebeye/bebeye kwikonisathi yesikolo.

UJabu babengumhlekisi/wayengumhlekisi ekonisathini.



XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 106 2019/10/23 10:50:15

Umhla:



Masibhale Bhala iindaba ezizezakho.

Namhlanje ekhaya

Namhlanje esikolweni

Izolo ekhaya

Izolo esikolweni



Masonwabe Krwela umgca osuka egameni uye kwindawo echanekileyo yebhayisekile.



iimpondo

isali

isinyathelo

iziqhoboshi

itsheyini

isakhelo

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 107 2019/10/23 10:50:16

UBusi uthenga ibhayisekile



Masifunde



UBusi noPam baya kubona ibhayisekile. UBarbie wathi, "Khawuyivavanye phambi kokuba uyithenge."

UBusi wayikhwela ibhayisekile. Yayibaleka.

UPam naye wayikhwela ibhayisekile. Wathi, "Busi, ihamba kamnandi le bhayisekile."

Kodwa le bhayisekile yayixabisa ama-R60 wabe yena uBusi enama-R50 kuphela.

Kwiveki ephelileyo xa uBusi wayegqiba iminyaka eli-9 umalume wakhe wampha ama-R50.

UBusi wagoduka waze wacela utata wakhe ukuba amphe i-R10. Utata wakhe wathi, "Ndiza kukunika i-R10, kodwa kufuneka undincedise egadini kuqala."

UPam wathi, "Ndiza kukuncedisa, Busi." Waze uPam wamncedisa uBusi egadini. Bacoca basusa amagqabi baze bankcenkceshela nezityalo.

"Enkosi kakhulu ngokundincedisa, Pam," watsho uBusi.

"Kunjalo ukuba nabahlobo," watsho uPam.

Bakugqiba bahamba uPam noBusi baya kuthenga ibhayisekile.

Abahlobo bayancedana.

Abahlobo bayamamelana.

Abahlobo bayakhathalelana.

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 108 2019/10/23 10:50:19

Umhla:



Masibhale Phendula le mibuzo. Bhala iimpendulo zakho kwizikhewu ezishiyiweyo.

Yayixabisa malini ibhayisekile?	
UBusi wayenamalini?	
Kwakufuneka abe namalini?	
Kwafuneka enze ntoni uBusi ukuze afumane imali engaphezulu?	
Ingaba uPam wayengumhlobo wenene? Ngoba kutheni?	
Ukwenzela ntoni wena umhlobo wakho?	



Umsebenzi wamagama Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.



wona iwele gqagqa igqabi

idayi ugqirha wisa iwili

iwaba	wena	igqabi	iBhayibhile

Amagama ajongisiswayo

babuza
rhoqo
kuba
mhlophe



Masibhale Khuphela la magama.

yona

phakathi



TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 109 2019/10/23 10:50:21

Abahlobo bokwenene naphakade



Masibhale

Jonga le mifanekiso. Ncokola nomhlobo wakho malunga neli bali uze utsho ukuba ucinga ukuba liza kuphela njani. Bhala intetho kumaqamza entetho ubonise abakwenzayo.









XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 110 2019/10/23 10:50:24

Umhla:

Masenze

Yenzela abahlobo bakho abasenyongweni ababini ikhadi. Babhalele umyalezo.





Masibhale

Benza ntoni uPam noBusi ngentshontsho lekati? Bhala isiphelo sebali.



Masonwabe

Lungisa la magama uwabhale kakuhle kwizikhewu ezingezantsi.
Tshatisa amagama kunye nemifanekiso.

esilekibhayi	iyahiktih	ikisibhati	olibha
ibhayisekile			



inataka	iajnan	unlid	ituhm

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 111 2019/10/23 10:50:33

UDan udlala ibhola ekhatywayo



Masifunde









NgoMvulo uDan noJabu baya kuziqhelisa ibhola ekhatywayo. UDan ulibele iibhutsi zakhe zokudlala ekhaya. Umqeqeshi wakhe wathi, "Akukwaz' ukudlala ngaphandle kweebhutsi. Uza kwenzakala." Kodwa uDan zang' amamele waze wadlala enjalo.

UDan wafaka amanqaku amathathu.

"Hayi uyintshatsheli, mfondini! Usebenzile," wakhwaza watsho uJabu.

Wasuka uDan wasikeka enyaweni lwakhe. Waqaqanjelwa kakhulu.

"Ndiza kugoduka njani?" wakhala esitsho.

"Sukukhathazeka, ndiza kukunceda," watsho uJabu. UJabu wakhwelisa uDan kwibhayisekile yakhe.

UEnver waphatha ibhegi kaDan. Bamgodusa uDan. "Mama, ndenzakele," watsho uDan.

"Usisidenge xa unokudlala ngaphandle kweebhutsi," watsho umama wakhe.

Izishunqulelo ngamagama angabizwa okanye angabhalwa ngokupheleleyo. Kusetyenziswa olu phawu ' ukubonisa ukungapheleli kwegama.



Masibhale



Bhala uluhlu lwezishunqulelo ezikweli bali. Imizekelo: zang' ndiz'bonele

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 112 2019/10/23 10:50:35

Umhla:

Phendula le mibuzo.

Amagama ajongisiswayo

oyena
bobabini
biza
kakuhle

Sazi njani ukuba uDan wadlala kakuhle?

Wagoduka njani uDan?

Ngubani omnye owanceda uDan?

Ingaba uJabu noEnver bangabahlobo bokwenene bakaDan? Kutheni usitsho nje?



Masibhale Bhala phakathi kweempawu zokucaphula abakuxelele uDan.



Umqeqeshi	“ ”
UJabu	“ ”
Umama	“ ”



Umsebenzi wamagama Bhala la magama kwibhokisi enesandi esichanekileyo.

ukuhlela

inqaku

nqanda

inqindi

umhlobo

izihlangu





Masibhale Khuphela la magama.

phezu

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 113 2019/10/23 10:50:38

UDan wenzakala enyaweni



Masenze Faka iinombolo kule mifanekiso ubonise ukulandelelana kwayo kakuhle.
Bhala isivakalisi esingomfanekiso ngamnye.









Kuqala
Waze
Emva koko
Ekugqibeleni



Masibhale Krwela umgca utshatise amagama athetha into enye.

sukhwela	akazange ahambe	vuk'uhambe	imazi enethole
'suka wema	iguzibheri iphumile	int'embi	into embi
zang'ahambe	musa ukukhwela	maz'enethole	akasoze emke
iguz'bher' iphumile	wasuka wema	soz'emke	vuka uhambe

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 114 2019/10/23 10:50:42

Umhla:



Masibhale Bhala isishunqulelo samagama anombala.

Ndiya ebholeni ekhatywayo.	Ndiy'ebholeni
Baza kugodusa uDan ngoku.	
Siya esikolweni.	
Uza kufika emva kwexesha esikolweni.	
Akazange aziphathe izihlangu zakhe zokudlala.	





Masibhale Krwela umgca osuka kwigama elikumqolo ongentla uye kwigama elikumqolo ongezantsi elinentsingiselo efanayo.



sisidenge	inciphile	indlela	vuya	jonga	inencasa
yonwaba	isitalato	imnandi	bona	ibhityile	sisiyatha



Masonwabe

Dibanisa amachokoza ubone ukuba yintoni.





TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 115 2019/10/23 10:50:46

Ukunceda abanye



Masifunde

Kufuneka sonke sincede abanye abantu yonke imihla.

Wena uyabanceda abanye abantu?

Wenza ntoni ukunceda abanye abantu?

Ngubani okuncedayo wena?

Ukwenzela ntoni?



UPam noPeter

Siyancedisa ekhaya. Sincedisa ngokuhlamba izitya.



UPam noBusi

Thina sijonga abantakwethu abasebancinci.



UJabu

Mna ndinceda umakhulu wam. Ndimnceda ekuweleni isitalato.



UDan noBusi

Thina sinceda egadini. Sincothula ukhula ze sinkcenkceshele izityalo.

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 116 2019/10/23 10:50:51

Umhla:

Amagama ajongisiswayo

khawuleza
sukwenza
uyenza
wafumana



Masibhale Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Ngubani onceda umakhulu wakhe?

UPam noBusi banceda ngokwenza ntoni?

Ngubani ohlamba izitya?

Ngubani oncothula ukhula?



Masibhale Bhala izivakalisi ezi-2 malunga nendlela obanceda ngayo abanye abantu.





Umsebenzi wamagama Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ubulumko | iinceba | iliso | amatheko | amagosa

ubuso	iincula	ilityе	amahashe

ilizwe

Iinconco

ubuntu



Masibhale Khuphela la magama.

yena

thina

TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 117 2019/10/23 10:50:52

Senza ntoni?



Masenze Phawula izinto ozenzayo ukunceda abanye abantu.

Nceda ngokuhlamba izitya.	Ncedisa ekuphekeni.
Ukususa uthuli.	Nceda ngokujonga izilwanyana.
Ukuqoqosha endlwini.	Nceda ngokukha amanzi.
Ukutshayela.	Nceda ngokubasa umlilo.
Ukujonga abantwana.	Ncedisa egadini.
Ukunceda abantu abadala.	Nceda ngokuya kuthenga evenkileni.





Masibhale Bhala izishunqulelo zamagama akrwelwe umgca ngaphantsi.

zang’ sizodlala lakhwel’ sukulothusa



UPam noBusi abasebenzi egadini. Bajonge intshontsho lekati.	abasebenz’
Intshontsho lekati libaleke lakhwela emthini.	
Musa ukulothusa liza kubaleka.	
Thina siza kudlala nalo.	
Mhlawumbi zange alive likhala.	

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 118 2019/10/23 10:50:55

Umhla: _____

Masibhale

Fakela yena, yona okanye wona ugqibezele isivakalisi ngasinye.

yena yona wona



Ikati yam iphezulu emthini. _____ ixineke apho.

Umthi mde. _____ mde kunendlu.

UJabu uza kuyithatha ikati. _____ uza kulanda ileli.

UPam ubambe ileli. _____ iza kuqinisekisa ukuba angawi.

Masonwabe

Phosa ingqekembe yemali phezulu. Ukuba kuvela icala lentloko, hamba izithuba ezi-2. Ukuba kuvela umsila, hamba isithuba sibe si-1. Xa ufika endaweni kufuneka wenze loo nto uyixelelwayo.



QALA

Xela igama lakho

Misa ipenisile emnweni wakho ingawi.

'w'

Biza igama eliqala ngo-w.

Cula ingoma.

Beka incwadi entloko ingawi.

7 5 10 1 4 6 2 8 3 9

Bala ubuye umva ukusuka kwi-10.

o w i o w i
b s e l b s e l
m u v m u

Pela ifani yakho.

Cimela ze uncume.

'ch'

Biza igama elinesandi u-ch .

Khulula imitya yesihlangu sakho.

Phakama uze uwangawangise iingalo zakho.

Bulela utitshala wakho kuba ekufundisa kakuhle kakhulu.

GQIBA

TITSHALA: Sayina _____ Umhla _____

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 119 2019/10/23 10:51:01

Sonke siyabhiyoza



Masifunde

Kwihlabathi lonke abantwana bayakuthanda ukufumana izipho.





Kungekudala iza kuba yiKrisimesi. Siza kufumana izipho. Nathi siza kupha abahlobo bethu izipho. Siza kuba nomthi weKrisimesi. Siza kubeka izipho phantsi kwalo mthi. NgeKrisimesi sitya iikeyiki kunye neelekese.





Kungekudala iza kuba yiHanukkah. Siza kuba nokutya okuninzi okumnandi. Sithanda ukutya iikeyiki ezingamacwecwe kunye namagwinya anesiraphu. Nathi siyakuthanda ukufumana izipho.

Kungekudala iza kuba yiDiwali. Siza kufumana iibhokisi zeelekese kunye nezipho. Siza kuhombisa ikhaya lethu libe lihle kwaye siza kuba nezitakantlantsi.



Kungekudala iza kuba yiEyidi. Ndiyathemba siza kufumana izipho ezihle. Nabahlobo bethu sibapha izipho. Siza kutya iikeyiki neelekese ezininzi.

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 120 2019/10/23 10:51:03

Umhla:



Masibhale Bhala igama lomntwana ngamnye, uze ugqibezele le theyibhile.

Igama	Ubudala	Iholide	Baza kutya ntoni?	Ingaba baza kufumana izipho?
Pam	8	iKrisimesi	Iilekese neekeyiki	Ewe

Yeyiphi iholide oza kuyibhiyozela? Uyibhiyozela njani?





Umsebenzi wamagama Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

vela iyoyo welile erityisi

esile vathiswa yam wam

Amagama ajongisiswayo

ikhawutshi
i-erityisi
i-emele
tsala

vula	emele	iwaba	iyogathi



Masibhale Khuphela la magama.



uyakwazi yethu

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 121 2019/10/23 10:51:04

Sisabhiyoza



Masenze Ncokola nomhlobo wakho malunga nokwenzeka emfanekisweni.

Kuqala



Emva koko



Izenzi



Masibhale Biyela ngesangqa igama uze ukrwelele umgca isenzi esixelayo ukuba wenza ntoni na umntu.



UEnver udlala iqakamba.

USharon ufunda iincwadi ezityebileyo.

UJabu udlala iqakamba.

UMadhu uqubha ukuphuma kwesikolo.



UPam udlala ibhola yomnyazi.

UFatima uleqa ibhasi.

UBusi ukhwela ibhayisekile yakhe.

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 122 2019/10/23 10:51:06

Umhla:

Izicwangciso zam zonyaka ozayo



Masibhale Phendula le mibuzo.

Iza kuba ngowuphi unyaka?	
Unazicwangciso zini zonyaka omtsha?	



Masibhale Tshatisa isivakalisi esikwibhokisi ezuba kunye nesivakalisi esichanekileyo esikwibhokisi eluhlaza.

Ingonyama yayikhangela ukutya.	Ndalanda iambrela sam.
Ikati yabaleka yenyuka emthini.	Yayilusuku lokuzalwa lukaLizzy.
Inkwenkwe yayikhaba ngamandla ibhola.	Izilwanyana ezincinci zabaleka zemka.
Abantwana babedlala ngematshisi.	Ibhola yaphule ifestile yesikolo.
Sabhaka ikeyiki ngoMgqibelo.	UBusi uzitshise iminwe.
Kwakusina.	UJabu uyokuthatha ileli.

TITSHALA: Sayina Umhla

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 123 2019/10/23 10:51:09

Lo nyaka kunye nonyaka ozayo



Masifunde Bhala okwenzileyo kwinyanga nganye kulo nyaka uphelayo.





EyoMqungu	EyoMdumba	EyoKwindla	UTshazimpuzi
UCanzibe	EyeSilimela	EyeKhala	EyeThupha
EyoMsintsi	EyeDwarha	EyeNkanga	EyoMnga













Sibe nonyaka oxakekileyo. Sidlale imidlalo ngemidlalo. Siye sakhathalela abanye abantu. Saba nabahlobo. Sakhathalela nezilo-qabane zethu.
Sifunde ngemozulu kunye namaxesha onyaka.
Sifunde ngathi ngabanye ngabanye.



Masibhale Bhala amagama eenyanga ezi-6 ezahlukeneyo. Bhala ke ngoku ukuba wenze ntoni ngenyanga nganye.



1	
2	

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 124 2019/10/23 10:51:12

Umhla:

3	
4	
5	
6	



Masibhale Phendula le mibuzo.

Yeyiphi le nyanga sikuyo?	
Bhala ukuba wenza ntoni kule nyanga.	



Umsebenzi wamagama Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

uzuko ipeyinti ooyise khazimla

iziko igeyithi oobawo inzuzo

Amagama ajongisiswayo

funda
ilungile
cula
danisa

uvuko	zukisa	oomofu	iweyitala





Masibhale Khuphela la magama.

thina bona

ngoko ke yiba

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 125 2019/10/23 10:51:15

Ukubhala ibali



Masibhale

Ncokola nomhlobo wakho ngebali oza kulibhala.
Bhala izimvo zakho kweli phepha.



Isicwangciso sebali lam



Ngubani osebalini lakho?

Abalinganiswa kunye nendawo elidlalela kuyo ibali.

Lenzeka phi eli bali?

Lenzeka nini eli bali?



Isiqalo

Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali?

Isiqu

Kwenzeka ntoni phakathi ebalini?



Isiphelo

Liphela njani ibali?

XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 126 2019/10/23 10:51:18

UQWEQWE LWANGASEMVA



MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Apho uhlala khona.

8

Inyathelo 2: Songa emgceni ochokoziweyo

Inyathelo 3: Qhabosha kweli cala

UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

Inyathelo 4: Sika emgceni odibeneyo

Inyathelo 1: Songa emgceni ochokoziweyo

5

Qhubeka nebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

4

Bhala isiqu sebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qala apha ukubhala ibali lakho.

2

Zoba umfanekiso apha.

Gqibezela ibali.

7

Zoba umfanekiso apha.

Qhubeka nebali lakho apha.

3

Zoba umfanekiso apha.

Bhala okwenzeka ekupheleni kwebali lakho.

6

Ukhethekile.
Umzimba wakho wonke ungokhethekileyo.
Nguwe kuphela onelungelo emzimbeni wakho!



AKUKHO namnye umntu onelungelo lokuphatha amalungu akho angasese.

Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho umntu okubamba amalungu akho angasese.

Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.

Tsalela kule minxeba xa ufuna uncedo:

Umnxeba olungiselelwe ukunceda abantwana: 0800 05 55 55

Umnxeba wokulwa nolwaphulo mthetho wamapolisa aseMzantsi Afrika: 086 00 10111

Umnxeba wongxamiseko wamapolisa aseMzantsi Afrika: 10111

Umnxeba woncedo: 0861 322 322

Iqela elikhusela abantwana: 012 393 2359/2362/2363



XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 129 2019/10/23 10:51:23

Isichazi-magama sam



XHO HL Gr2 B2 TH8.indd 130 2019/10/23 10:51:23